URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Patricia van Niekerk**
ICandelo eliyiNtloko leZithili
Patricia.VanNiekerk@westerncape.gov.za | 021 467 2171

Inombolo yefayili: 27/91
Isalathiso: 20240717-5251

ISetyhula: 0021/2024
Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isishwankathelo esifutshane: Inkqubo yokungeniswa kwezicelo zezibheno zokutshintshwa kwesigqibo sokungamkelwa komfundi kwisikolo sikarhulumente esiqhelekileyo

**Isihloko: Isicelo sesibheno sokwamkelwa komfundi esikolweni esiya kuMphathiswa: inkqubo yokwamkelwa komfundi ngonyaka wesikolo ka-2025**

1. Le setyhula yenzelwe ukwazisa bonke abathathi-nxaxheba ngenkqubo yokungeniswa kwesicelo sesibheno ukwenzela ukuba kutshintshwe isigqibo sokungamkelwa komfundi kwisikolo sikarhulumente esiqhelekileyo kunyaka wokufunda ka-2024 ukulungiselela unyaka ka-2025.

2. Ngokwecandelo 5(9) loMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika,1996 (uMthetho 84 ka-1996), nawuphi na umfundi okanye umzali ongamkelwanga kwisikolo sikarhulumente, angasifaka isicelo sesibheno ukuchasa eso sigqibo kuMphathiswa wePhondo weSebe leMfundo.

3. **Amaxesha amisiweyo okufaka isicelo sesibheno**

3.1 Izicelo zamaBakala 1 nele-8: zivulwa ngowe-**01 Agasti 2024**.

3.2 Izicelo zeBakala R nezicelo zokutshintshelwa komfundi kwesinye isikolo: zivulwa ngowe-**01 Oktobha 2024.**

4. Izicelo zesibheno ezimalunga nokwamkelwa komfundi esikolweni mazingeniswe kusetyenziswa iSistim i-*Western Cape Education Department (WCED) School Admissions Management Information (SAMI) system* yaye abazali kufuneka basebenzise le dilesi yeziko lewebhu ilandelayo: https://wcedonline.westerncape.gov.za, ukulungiselela izicelo zesibheno zabo.

5. Abazali mabasebenzise iinkcukacha zabo zangoku zokungena kwikhompyutha ukuze bafumane iprofayili yabo kwiSistim i-*SAMI system*. Mabaklikhe ku-"*Admissions Appeal*" *tab*, yaye balandele imiyalelo evelayo (*prompts*) ngokufanelekileyo.

6. **Abazali bacetyiswa ukuba**

6.1 Banike izizathu ezivokothekileyo zokuba kutheni bekholelwa ekubeni kufuneka sitshintshwe isigqibo sesikolo sokungamkelwa komntwana wabo.

6.2 Bangenise nawaphi na amaxwebhu ahamba nesicelo sesibheno okanye ubungqina obunxulumene nesicelo sesibheno.

7. Abaphathi beesekethe neenqununu kuya kufuneka baphendule ngethuba lenkqubo yokufakwa kwezicelo zesibheno yaye mabaqinisekise ukuba bafikelela ngokusemthethweni kwiSistim i-*SAMI system* yaye isebenza kakuhle. Oku kuya kukukhawulezisa ukugqitywa kwezicelo zesibheno yaye kunciphise ulibaziseko olungeyomfuneko.

8. Iinqununu ziya kuba nethuba leentsuku ezisixhenxe zomsebenzi ukususela kwixesha ezaziswe ngalo kwi-*SAMI system* nge-imeyili, lokuphendula isicelo sesibheno.

9. Kukhunjuzwa abaphathi besekethe neenqununu ukuba lo msebenzi awunako ukuphathiswa okanye ukudluliselwa kwabanye abantu ngenxa yokuba oko kunokubanentsingiselo yokuthathwa kwamanyathelo omthetho achaphazela iSebe iWCED nesikolo. Kwiimeko ezizodwa, apho umphathi wesekethe okanye inqununu ingenako ukwenza lo msebenzi wayo, izicelo ziya kusingathwa kwinqanaba lesithili ngokubonisana nomlawuli we-*SAMI system* kwaNdlunkulu.

10. Iiseshoni zoqeqesho zicwangciselwe amagosa ezithili ukwenzela ukuba iiKomiti zoLawulo zeZithili (*District Management Teams*) nabasebenzi abanika inkxaso bachazelwe ngale fankshini intsha yokufakwa kwezicelo zesibheno kwiSistim i-*SAMI system* nokuququzelela ukuqondwa kwenkqubo yokufakwa kwesicelo sesibheno.

11. Kuya kucwangcisa neeseshoni zoqeqesho zeenqununu namalungu amabhunga olawulo phakathi enyakeni. Iinkcukacha ziya kwaziswa ngexesha elifanelekileyo.

12. Abazali, abafundi, abazali abafaka izicelo zesibheno, nabathathi-nxaxheba baya kufumana inkxaso nenye ingcaciso emalunga noku kwiziko lewebhu leSebe i*WCED* (makufundwe umhlathi 4) nakwiSistim i-*SAMI system.*

13. Ukuba umzali, umfundi, umzali ofaka isicelo sesibheno okanye umthathi-nxaxheba akanako ukufikelela kwiSistim i-*SAMI system*, isicelo sesibheno sisenokungeniswa (ngethuba lokufakwa kwezicelo zesibheno) nge-imeyili apha: edumin.edumin@westerncape.gov.za okanye ngeleta enokuposelwa apha: *Private Bag* X9161, *Cape Town*, 8000.

14. Yonke imibuzo emalunga nokwamkelwa kwabafundi esikolweni inako ukuthunyelwa ngqo kwiNtloko yoLawulo noKuphathwa kwaMaziko okanye kumphathi wesekethe ochaphazelekayo kwisithili ngasinye.

15. Kucelwa nazise oku kule setyhula bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2024-07-30